




# Yintoni ikhompuyutha?

Patricia Ndlovu

Pexels; Pixabay





Ikhompyutha ngumatshini osebenza ngolwazi.


Nazi iindidi ezine zeekhompyutha:

Ileptophu (1)

Idesktophu (2)

Unomyayi / ifowuni yeselula, ismatifowuni (3)


Ithabhulethi (4)



Ubona iinkcukacha esikrinini, (kwisakhelo esineglasi (5)).

Uyachwetheza ufaka iinkcukacha kwikhibhodi (6).

Usebenzisa imawusi (7) ekukhokelayo ude ufumane okufunayo esikrinini.



Uyayihambisa imawusi xa ujonge esikrinini, (kwisakhelo seglasi).

Ukhetha iinkcukacha ezo uzifunayo esikrinini, ngomnwe wakho uyacofa ukuze ucinezele ngemawusi esikrinini.



Ilephutophu ezininzi zinephedi onokuyichukumisa (8) endaweni yokusebenzisa imawusi.

Uhambahambisa umnwe wakho apha kwiphedi yokuchukumisa.


Ucinezela kancinci ukhangela iinkcukacha.



Jonga ikhibhodi uze ufumane amaqhosa aqulathe oku:

1. oonobumba
2. amanani
3. iziphumlisi

La maqhosa aza kukunceda ekuchwethezeni ufaka iinkcukacha kwikhompyutha.



Jonga ikhibhodi yalo mnxeba (yesi smatifowuni).


Kwisalathisi sesikrini (seglassi somnxeba) ungachwetheza ngoobhontsi bakho.



Ezinye iikhompyutha zinesikrini esibanjwayo (9).  
Umzekelo, iithabulethi neminxeba.

Usebenzisa umnwe wakho nobhontsi usebenza  
ngeenkukacha ezikwisikrini esibanjwayo.





Xa usebenzisa umnwe wakho nobhontsi, uzibhekela enye kwenye, umfanekiso uya usiba mkhulu.


Sondeza umnwe kubhontsi wakho ukuze umfanekiso ubemncinane.



Sisebenzisa iikhompyutha xa sisebenza naxa  
sifunda.

Sisebenzisa iikhompyutha ukuze sinxibelelane.

Sisebenzisa iikhompyutha ukuze sifunde  
kananjalo sizonwabise.



Isixhobo sokuchwetheza lelinye igama lekhompyutha.

Zeziphi izixhobo zokuchwetheza ezisetyenziswa ngabakokwenu, babezisebenzisela ukwenza ntoni?

## —Imibuzo



1. Khuphela ukope lo mfanekiso uze uleyibhelishe:

- a. ikhibhodi
- b. imawusi
- c. isikrini

2. Ulisebenzisa njani ilungu ngalinye lekhompyutha:

- a. ikhibhodi?
- b. imawusi?
- c. isikrini?

—Le ncwadi yenye kuluhlu lweencwadi ezine ezazisayo ngemixholo ekhoyo kubuchwepheshe bekhompyutha. (isungula izihloko ezigxile ekufundiseni ubuxhakaxhaka bala maxesha).

Eli bali layilwa laza labhalwa njengenxalenye yeZenex Ulwazi Lwethu eyiprojekthi yokufundwayo kuka2021.



Ulwazi Lwethu is a Zenex Foundation funded and initiated project to develop a series of graded and leisure African language readers and teacher support materials. This project is targeted at teaching and supporting learners in the Foundation Phase to improve their home language reading and understanding. The readers have been originated in nine African languages in collaboration with Molteno Institute for Language and Literacies, Nelson Mandela Institute for Education and Rural Development, Room to Read South Africa, and Saide. All resources are developed as Open Education Resources (OER).



NELSON MANDELA  
INSTITUTE FOR  
EDUCATION AND  
RURAL DEVELOPMENT



Room to Read®  
World Change Starts with Educated Children®

Your attribution should include the following:

Title: Yintoni ikhompuyutha?

Author/s: Patricia Ndlovu

Translator/s: Pretty Neliswa Magangxa

Illustrator/s: Pexels; Pixabay


Assurer/s: Angelinah Dazela

Language: isiXhosa



© Zenex Foundation - Saide 2023

CC BY includes the following elements:

BY  - Credit must be given to the creator

